

# The Thogomelo Project

## ISIKHOKELO ESINGUVIMBA SABAKHATHALELI BOLUNTU

Impendulo ekuphathweni gadalala  
kwabantwana, ukungahoywa  
nokutshatyalaliswa



isiXhosa



social development

Department:  
Social Development  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



# Ukhuselo lomntwana

## Yintoni ukhuselo lomntwana?

Ukhuselo lomntwana ku:-

- Kuthintela nokukhusela abantwana kulo naluphina udidi lokuphathwa gadalala, ukuphathwa kakubi, ukungahoywa okanye ukuthotywa isidima
- Kuphendula abantwana ababephethwe gadalala okanye bonzakaliswa
- Kuphendula abantwana abafuna inkathalelo nokhuselo

## Kutheni ukhuselo lwabantwana bethu lubalulekile?

Ukhuselo lwabantwana luqinisekisa ukuba abantwana bethu bakhuselekile kwaye kuyafikelelwa kwiimfuno zabo zophuhliso. Iimfuno zophuhliso ziquka:

- Iimfuno ngokwasemzimbeni
- Iimfuno zovakalelo
- Iimfuno ngokwasemoyeni
- Iimfuno zoqoqosho
- Iimfuno zasekuhlaleni
- Iimfuno ngokwasengqondweni
- Iimfuno zenkcubeko

*Impilontle yomntwana ifezekiswa xa kufikelelwe kuphuhliso olunokubakho lomntwana kwindawo enenkathalo kwanenkxaso.*

## Kwenzeka ntoni xa abantwana bengakhuselwanga?

Xa abantwana bethu bengakhuselwanga, basesichengeni sokuphathwa gadalala, ukungahoywa nokutshatyalaliswa.

## Yintoni ukuphathwa gadalala komntwana?

Ukuphathwa gadalala komntwana lulo naluphina udidi lokwenzakaliswa okanye ukuphathwa kakubi komntwana okunjengoku: Hlasela, betha, phatha gadalala ngokwesondo, bhulisha, setyenziswa nzima komntwana, khubekisa umntwana ngokwasemphefumleni okanye ngokwasengqondweni.

## Yintoni ukuphathwa gadalala ngokwesondo?

Ukuphathwa gadalala ngokwesondo kubandakanya ukunyanzelisa okanye ukuhenda umntwana ekubeni athathe inxaxheba kwimisebenzi yokudibana ngesondo. Kukuphathwa gadalala nokuba umntwana uvumile okanye akavumanga. Oku ingakukuzityhila, ukukroba, ukuphathaphatha, ukubonisa imiboniso yephonografi, ukuthetha ngokudibana ngesondo, ukufaka umnwe ezimpundu, ukudlwengula, ukulalana kwamadoda okanye ubuhenyukazi.

## Yintoni ukuphathwa gadalala ngokwasemzimbeni?

Esi sisenzo esibangela iintlungu zokwenzakala okanye ukusweleka komntwana. Oku ingakukugruzuka nezilonda, ukusikeka nokukhuthuka, ukophuka okanye ukukruneka, ukudliswa, ukutsha, nakuphina ukwenzakala okuphindaphindiweyo nalapho inkcazelo yoko ingonelanga okanye ingafani.

## Yintoni ukungahoywa?

Ukungahoywa kukungabonelelwa ngamabom kweemfuno zomntwana ngokwasemzimbeni (ezinjengokutya, ubushushu, indawo yokuhlala okanye ukhuselo ezingozini). Oku kungabangela ukulamba okuqhubekekayo, ukungondleki, ukungabikho kococeko okanye iimeko zokuphila ezingentlanga. Ukungahoywa ikwakuku:

- ngaphumeleli ekufuneni, ukufumana okanye ukulandela inkathalelo yonyango
- ngaphumeleli ukwenza amalungiselelo emfundo yomntwana ngexa imali efunekayo kunye noovimba bekhona
- ukushiya abantwana bebodwa



## Yintoni ukuphathwa gadalala ngokwasemphefumleni (ngovakalelo) nasengqondweni?

Oku kuphathwa gadalala yipateni yendlela yokuziphatha eyonzakalisayo okanye enciphisa uphuhliso lomntwana ngokwasemphefumleni okanye ukuziva uxabisekile okanye ukuzixabisa. Oku kungayi le ndlela:

- ukugxekwa, izoyikiso okanye ukungafunwa
- ukungahoyi, ukubeka yedwa umntwana, ukusebenzisa umntwana njengenzuzo kuwe (*taking advantage*), ukukhohlakalela okanye ukoyikisa umntwana
- ukuthanda omnye umntwana kunomnye
- ukungafikeleli kwiimfuno zomntwana zokumthanda okanye ingqwalaselo
- ukushawuta okanye ukuthuka umntwana
- izoyikiso zobundlobongela okanye iinzame zokoyikisa umntwana
- ukuthetha ubuxoki emntwaneni

## Yintoni ukutshatyalaliswa komntwana?

Oku kukubeka esichengeni umntwana kwezi meko zilandelayo:

- ukusetyenziswa komntwana
- ubukhoboka
- ukutshatyalaliswa ngokwesondo
- iphonografi yabantwana
- ukuthengiswa kwabantwana
- unyanzeliso lokususwa kwamalungu athile

Ukusetyenziswa komntwana kuthetha umsebenzi ongafanelekanga kubudala bomntwana nowonzakalisa iimfuno zakhe zokukhula.

## Yintoni ubundlobongela?

Nawuphina umsebenzi owenziwa ngumntu, umbutho okanye imeko ethile engavumeli mntu ukuba afikelele kumalungelo oluntu. Oku kungenzeka:

- ngamazwi
- ngomzimba
- ngomphefumlo
- inkcaso exhotyelweyo (*armed conflict*)
- ngezopolitiko

# Ndingenza ntoni ngokuphathwa gadalala komntwana?

## Zeziphi iimpawu ezilumkiso ezithi zibonise ukuba umntwana kunokwenzeka ukuba usengozini okanye unokwenzakala?

- Iimpawu zasemzimbeni ezinjengokugruzuka, ukonzakala entloko, ukophuka kwamathambo okanye ukungondleki.
- Ukutshintsha kwendlela yokuziphatha enjengokungayi esikolweni, ukuthula okanye ukuhlala eyedwa, ukungazikisi ukucinga, ukoyika, ixhala, ukufuna ukuzibulala okanye ukufuna ukuzenzakalisa.
- Ezinye iimpawu ezinjengokuba nengqondo enamathele kokuthile (*obsessions*), indlela yokuziphatha ngokwesondo engafanelekanga, umsindo ongafanelekanga, ukuchama xa ulele nokungalali ngokulula okanye ukutshintsha kwendlela atya ngayo.

## Ndiphendula njani xa umntwana endixelela ngokuphathwa kwakhe gadalala kum?

### Landela ezi zikhokelo ezivela kwabakwa-ChildLine boMzantsi Afrika:

- Kholelwa emntwaneni.
- Bulela umntwana ngokukhalipha kwakhe ekuthetheni nawe.
- Xelela umntwana ukuba akakubangelanga ngokwakhe oku.
- Cacisa ihlebo – cacisa ukuba nangona umntwana ekuchazele oku ngokuzithemba, wena njengomntu omdala kufuneka uxelele iziphatha-mandla ezifanelekileyo, ezinjengonontlalontle, ukuze umntwana afumane uncedo nenkxaso. Chaza okuxhalabisa umntwana. Mhlawumbi yabelana nabo ngokuqonda “amahlebo afanelekileyo nangafanelekanga”.
- Qonda kwaye ube buthathaka kuvakalelo lomntwana. Mamela umntwana, bonisa uvakalelo lwabo uze ubaqinisekise kwakhona ukuba uya kubafumanela inkxaso.



## Yintoni ekufuneka NDINGAYENZI?

- Ukwenza uphando ngokuphathwa gadalala.
- Ukuhambisa umntwana ngaphandle kokuba kusenokubakho ingozi okanye umntwana usengozini enkulu.
- Jongana nomphathi-gadalala okanye abazali.
- Yenza isigqibo sokuba umntwana uthetha inyani okanye akathethi nyani.
- Ukuphaphazela okungaphaya xa umntwana ekuxelela ngokuphathwa gadalala – mamela ngobubele nangokuzola.
- Ukwenza izithembiso emntwaneni ongakwaziyo ukuzigcina.
- “Ukuthetha kakubi” ngomphathi-gadalala.

*Hlala njalo uthumela kwaye  
ugqithisa ingxelo kunontlalontle  
ukuze umntwana ancedwe  
kwaye akhuselwe.*

## Kutheni kufuneka ndigqithise ingxelo ngokuphathwa gadalala komntwana, ukungahoywa nokutshatyalaliswa?

Njengomkhathaleli woluntu:

- Unoxanduva **olusemthethweni** ngokwe-*Criminal Law (i-Sexual Offences and Related Matters Amendment Act)* ukuba ugqithise ingxelo okanye amatyala akrokerekayo okuphathwa gadalala ngokwesondo emapoliseni okanye kunontlalontle.
- Unoxanduva **olusesikweni** (ngokwe-*Children's Act*) ukuba ugqithise ingxelo yokuphathwa gadalala okanye ukungahoywa emapoliseni okanye kunontlalontle. Kodwa ukuba uqeshwe, umzekelo, njengomsebenzi wenkathalelo yomntwana nolutsha okanye njengomsebenzi ongumncedisi entlalweni, nawe unoxanduva olusemthethweni.

# Ukugqithisa ingxelo ngokuphathwa gadalala

## Loluphi ulwazi ekufuneka ndiluchazile malunga nokuphathwa gadalala?

- Igama, ifani nobudala bomntwana.
- Idilesi yasekhaya okanye iinkcukacha zoqhagamshelwano zomntwana.
- Igama, idilesi neenkcukacha zoqhagamshelwano zomzali, umgcini okanye abakhathaleli bokuqala, ukuba uyabazi.
- Uhlobo lokuphathwa gadalala okrokrela ukuba lwenzekile kunye naziphina iinkcukacha ezingezinye onazo (ngaphandle kokuphanda ngokuphathwa gadalala!).
- Igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zakhe nabanina onokungqina oku kuphathwa gadalala.
- Igama lakho nendlela yokuhagamshelana nawe – iingxelo ezingenamagama ziya kwamkelwa kwaye ziphandwe.

*Ukuba ukrokrela ukuphathwa gadalala kodwa ube ungenalo lonke ulwazi, ungayigqithisa ingxelo malunga nokuxhalaba kwakho kunontlalontle.*



## Kwenzeka ntoni emva kokugqithisa ingxelo emapoliseni okanye kunontlalontle?

- Unontlalontle uya kuqalisa uphando malunga nokuphathwa gadalala.
- Amapolisa aya kuqalisa uphando malunga nokuphathwa gadalala.
- Bobabini amapolisa noonontlalontle banoxanduva lokhuseleko lomntwana. Oku kuthetha ukususwa komntwana asiwe kwindawo ekhuselekileyo okanye kususwe umenzi wobubi.
- Khumbula ukuba inkqubo yolwaphulo-mthetho (*criminal proceeding*) ithatha ixesha ukuya kwi-Criminal Justice System (uphando, isimangalo, inkundla nenkqubo yolungiso). Le nkqubo yolwaphulo-mthetho isenokungenzeki.

## Kwenzeka ntoni kum xa ndithe ndagqithisa ingxelo ngokuphathwa gadalala komntwana, ukungahoywa okanye ukutshatyalaliswa?

- Unontlalontle owenza uphando uya kuqhagamshelana nawe ukuze nixoxe ngalo mba kwakunye nayiphina into engacacanga.
- Ukuba ugqithise ingxelo ngetyala okanye ukrokrela ukuphathwa gadalala, ukungahoywa okanye ukutshatyalaliswa, awunakohlwaywa ngabazali okanye abakhathaleli bokuqala ukuba ugqithiso olunjalo lwalwenziwe ngomoya omhle wokukhusela umntwana.

### Ndiyigqithisa kubani ingxelo?

- Unontlalontle
- Ifowuni 0800 60 10 11
- Abakwa-ChildLine 08000 55 555
- Ukuthengiswa kwabantu 0800 555 999
- UMbutho woKhuselo loMntwana kummandla wakho



### lingcebiso ngehlebo

- Ihlebo libaluleke kakhulu xa ujongene nokuphathwa gadalala okanye ukuphathwa gadalala okunokubakho.
- Le ngxelo kufuneka igqithiselwe kunontlalontle noya kuqwalasela ngokubanzi eli tyala.
- Naluphina ulwazi okanye imiba ethile emalunga nokuphathwa gadalala okanye umntwana kufuneka kuxoxwe ngayo nepolisa okanye unontlalontle. Ungaxoxa ngalo mba kuphela xa “unemvume eyaziwayo yomntwana”. Oku kuthetha ukuba le meko kufuneka ixoxwe nomntwana ukuqinisekisa ukuba uyakwazi ekufuneka ekulindele.
- Xa umntwana ethe wathetha ngokuphathwa gadalala kwakhe, awunokumthembisa ukuba oko uya kukugcinwa kulihlebo kuba ngokwasemthethweni okanye kuyimfanelo ukuba ugqithise ingxelo ngokuphathwa gadalala. Ngenxa yesi sizathu, kubaluleke kakhulu ukuxelela umntwana ukuba akusayi kuba lula ukugcina olu lwazi njengehlebo elifihlakeleyo.

*Ukuba umntwana  
ulahlekile, gqithisa  
ingxelo yoko emapoliseni  
ngokukhawuleza okanye  
ngokungxamisekileyo.  
Akukho mfuneko yokulinda  
iiyure ezingama-24  
ngaphambi kokuba uxelele  
amapolisa ngomntwana  
olahlekileyo.*



# Yintoni ekufuneka ndiyazile ngogqithiselo (*referrals*)?

## Yintoni ugqithiselo?

Ugqithiselo yinkqubo yonikezelo lweemfuno ezipheleleyo zomntwana okanye ufikelelo lomzi kuluhlu lweenkonzo. Ugqithiselo lukwaquka ukulandela okufanelekileyo kwingxelo esuka kwinkonzo kunye nomntwana.<sup>1</sup>

Inkqubo yogqithiselo luthungelwano lokudibanisa iinkonzo kummandla woluntu. Injongo kukunikezela inkathalelo eqhubekekayo yabantwana.

## Kutheni kufuneka senze ugqithiselo?

Abakhathaleli boluntu kunye nemibutho yabo abanako ukunikezela rhoqo zonke iinkonzo ezifunwa ngabantwana. Ngamanye amaxesha iinkonzo ezizodwa ziye zifuneke ekuqwalaseleni iimfuno ezithile zomntwana kwakunye nokunikezela eyona nkathalelo ifanelekileyo.

*Zonke iinkonzo kummandla woluntu  
okanye ekuhlaleni kufuneka zisebenzisane  
ekwabelaneni ngoxanduva lwenkathalelo  
neenkono zomntwana ngamnye.*

---

<sup>1</sup> Family Health International. January 2005. *Establishing referral networks for comprehensive HIV care in low-resource settings.*

## Ngubani ofuna ugqithiselo?

- Abantwana abafuna inkathalelo nokhuselo.
- Iintsapho ezifuna inkathalelo nenkxaso.
- Abantwana abafuna inkxaso nongenelelo kwasekuqaleni lweenkonzo.
- Abakhathaleli boluntu abafuna inkxaso ekwakheni impilontle yabo ngokwasengqondweni nasekuhlaleni.

## Landela la manyathelo alula ekusekeni inkqubo yogqithiselo:

- Bhala uluhlu lweenkonzo zizonke neeprojekthi ezinokunceda abantwana, iintsapho ezifuna inkathalelo nokhuselo kwakunye nabakhathaleli boluntu kummandla wakho.
- Dwelisa abantu onokubaqhagamshela, iinombolo zefowuni needilesi zezi nkonzo. Faka nokunikezelwa yinkonzo nganye kuwe, ebantwaneni nakwiintsapho.
- Funda ukwazi ukuba ngobani na abantu abanikezela iinkonzo nganye. Fumanisa ukuba ngawaphina amanyathelo ekufuneka uwalandele ukuze ugqithisele abantwana okanye iintsapho kubo.
- Qinisekisa ukuba ugqithiselo lwabantwana lugcinwa lufihlakele.



Yintoni ekufuneka ndiyazile ngogqithiselo (referrals)?

## Ndilwenza njani ugqithiselo lomntwana?

- Chazela umntwana nomkhathaleli woluntu wokuqala ukuba kutheni na ubagqithisela kwakunye nohlobo loncedo nenkxaso abanokuyifumana.
- Nika umntwana nomkhathaleli woluntu wokuqala:
  - iinkcukacha zomntu kunye nombutho
  - apho bakhoyo
  - indlela abanokufikelela ngayo kwinkonzo
  - ukuba kufanelekile, banike ikhadi okanye ileta yogqithiselo eneencukacha (ukuquka neencukacha zokuba kutheni na ubagqithisela)
- Nika ileta yogqithiselo kumntu ogqithisela umntwana kuye. Kufuneka ichaze izizathu sogqithiselo kunye nenkonzo efunekayo. Faka neencukacha zomntwana. Gcina ikopi yamaxwebhu.
- Landela ukuze ufumanise ukuba umntwana uyile na kwindibano yakhe. Buza ukuba umntwana ufuna uncedo olungolunye.
- Cela ukuba inkonzo okanye umntu ogqithisele umntwana kuye akunike ingxelo ukuze ukwazi ukuqwalasela ukuba iimfuno zomntwana zifezekisiwe na. Kulandele oku kwiveki nganye ude uqinisekise ukuba uphando luqalile kwaye nomntwana ukhuselekile.
- Yenza inqakwana loku kulandelayo:
  - igama neencukacha zoqhagamshelwano zomntu othethe naye
  - umhla nexesha
  - indlela olwenze ngayo ugqithiselo, umzekelo, ngokwakho, ubuso ngobuso, ngefowuni

# Yintoni indima yeenkonzo zogqithiselo?

## 1. ISebe loPhuhliso lweNtlalo (DSD) neMibutho yoKhuselo lwaBantwana.

Indima kanontlalontle ku:-

- Kwenza uvavanyo lwengozi ngokubamba iingcebiso. Aqulunqe isicwangciso senyathelo ngokweemfuno neemeko zomntwana kunye nosapho lwakhe.
- Kususa ngokukhawulezileyo ukuba impilo yomntwana isesichengeni. Yenza amalungiselelo angamanye abantwana abafuna ukhuselo kwakunye nokuqesha, ukukhetha, ukuqeqesha nenkxaso kubazali abakwindlu ekhuselekileyo, abazali abagcina abantwana abangengobabo kunye nabazali abathathele kubo abantwana (adoptive).
- Lungiselela umntwana nosapho inkathalelo engenye xa kufanelekile. Phuhlisa uze wenze izicwangciso ezisisigxina kubantwana abakwiimeko ezinjena.
- Nikezela okanye wenze amalungiselelo oncedo lomntwana, usapho kunye nomenzi wobubi okanye umoni.
- Yila uze uzalisekise imisebenzi yokhuselo nophuhliso ekuthinteleni ukuphathwa gadalala kwabantwana.
- Gqiba ekubeni umntwana ufuna inkathalelo nenkxaso. Nikezela inkxaso efanelekileyo emntwaneni nakusapho lwakhe.
- Nikezela iinkonzo zexesha lokulinda (probation) neenkqubo zokuphambuka ebantwaneni abaphikisana nomthetho kunye neentsapho zabo.
- Qesha, khetha, qeqesha, xhasa uze ugcine abakhathaleli boluntu.
- Lungelelanisa iinkonzo uze udibanise bonke abakule meko noovimba abafanelekileyo neenkqubo zenkxaso kulawulo olusebenzayo lwamatyala.



## Iinkcukacha zoqhagamshelwano

- ISebe likaZwelonke loPhuhliso lweNtlalo 0800 60 10 11
- I-ChildLine 08000 55 555
- I-Child Welfare eMzantsi Afrika 011 492 2888

## 2. Iinkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika

Indima yawo kuku:-

- Phanda intetho engenabungqina yokuphathwa gadalala.
- Vula “idokethi” kumatyala achaziweyo.
- Qinisekisa ukuba umntwana ukhuselekile kwaye akekho sichengeni sokwenzakala kwakhona.
- Igosa lamapolisa liya kubamba udliwano-ndlebe nomntwana ukuze lifumane ingxelo. Liya kuyithathela ingqalelo iminyaka yobudala nobungqina obungobunye ngexesha lolu dliwano-ndlebe. Liya kuthatha umntwana limse kuvavanyo loogqira xa kufanelekile.<sup>2</sup>
- Ummangali kunye negosa lamapolisa banoxanduva lokuchasa ibheyile okanye bacele iimeko zoko ukuba ibheyile inikezelwe. Kufuneka bathethe namapolisa malunga noku, baze bacele ikopi yeemeko zebheyile.
- Fumanise ukuba kwenzeke isiganeko solwaphulo-mthetho. Baqokelele ubungqina besimangalo baze baqhubekeke nezohlwayo.
- Zise onke amatyala agqithisiweyo amalunga nokuphathwa gadalala okanye ulwaphulo-mthetho olunxulumene nabantwana ukuze luqwalaselwe liSebe loPhuhliso lweNtlalo okanye uMbutho omisiweyo woKhuselo lwaBantwana.
- Gqithisele ityala kwi-National Prosecution Agency (NPA) ukuze yenze isigqibo sokuba ibambe okanye ingabambi mntu. Kugcinwe ixhoba lisazi ngenkqubela-phambili yetyala.<sup>3</sup>

2 [http://www.saps.gov.za/org\\_profiles/core\\_function\\_components/fcs/establish.htm](http://www.saps.gov.za/org_profiles/core_function_components/fcs/establish.htm)

3 CHILDREN <http://www.case.org.za>


- Nawuphina umntu omdala angavula ityala egameni lomntwana nokuba umntwana yena akekho.
- Amapolisa angayalela nokuba umphathi-gadalala ahambe kwikhaya lomntwana ukuba oko kuya kumenza akhuseleke.
- Ukuthatha inxaxheba ngaphakathi kumacandelo amaqela okhuselo lomntwana, ukuquka uphando oludityanelweyo kunye noonontlalontle abamiselwe oko.

### Linkcukacha zoqhagamshelwano

- IiNkonzo zeXesha likaXakeka ze-SAPS 10111
- I-Crime Stop 08600 10111
- I-Family Violence, Child Protection and Sexual Offences (FCS) Unit 012 393 2359 okanye [childprotect@saps.org.za](mailto:childprotect@saps.org.za)

### Ndingenza ntoni ukuba umntu okrokrelwayo ekuphatheni gadalala uyandoyikisa?

- Kwimiba yasekhaya yokoyikiswa, faka isicelo kwi-SAPS okanye enkundleni sokhuselo olwaziwa njenge-protection order ngokwe-*Domestic Violence Act* (Nomb. 116 ka-1998). Oku kukuxelela ekufuneka ukwenzile ukukhusela lo mntu ukoyikisayo.
- Kwimiba apho umphathi-gadalala okrokrelwayo engaphandle kwikhaya lakho, yenza okunye koku kulandelayo:
  - ukuba lo mntu ufunyenwe enetyala, thetha neGosa elenza uPhando kwi-SAPS okanye uMtshutshisi enkundleni ucele ukuba iimeko zebheyile zisekwe eziza kukukhusela.
  - ukuba akufakwanga simangalo, ungacela igqwetha ukuba lifake isicelo se-*protection order* enkundleni. Oku kuya kuxabisa imali ethile.



Yintoni indima yeenkonzo zogqithiselo?

### 3. I-National Prosecuting Authority neNkundla yamaTyala eSondo kwiSebe lezoBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko

Indima yabo kuku:-

- Nikezela izibonelelo kwiinkundla apho amangqina omntwana (ingakumbi kumatyala okuphathwa gadalala) anokunika ubungqina kwindawo ekhuselekileyo nebukhekayo kungekho ngozi yazoyikiso. Oku kukukhusela nokunciphisa amaxhoba esibini. Oku kungaquka ukunikezela amagumbi amangqina abantwana nafakelwe iglasi enye (*one-way*) okanye umabonwakude ovaletweyo, okanye umlamleli (xa umntwana enika ubungqina enkundleni, amalungu oluntu jikelele angangavunyelwa ukuba angene enkundleni. Oku kwenzelwa ukuba umntwana azive ekhululekile xa ethetha).
- Phucula iirhafu zokumangalela nokugwetywa kwimfundiso zamaxhoba abantwana, abakhathaleli boluntu kunye namanye amangqina kwiinkqubo neemfuno zetyala elisenkundleni.
- Nikezela abamangali nabanye ngezakhono zokulawula istresi. Ukukhuthaza amaxhoba namangqina ekunikezeleni ubungqina.



Ixhoba letyala lesondo lingafaka isicelo sokuba umtyholwa enziwe uvavanyo lwe-HIV zize iziphumo zovavanyo zichazwe kubo bobabini<sup>4</sup>. Umzali okanye umkhathaleli woluntu angafaka isicelo egameni lomntwana. Kodwa ke, nokuba iziphumo zovavanyo azina-HIV, abantwana KUFUNeka baqhubekeke ukusebenzisa unyango lwabo njengoko beyalelwe ngugqira.

4 National Policy Framework and strategic plan for the prevention and management of child abuse, neglect and exploitation. Department of Social Development.

#### 4 Ii-Ofisi zeSithili neNgingqi zeSebe lezeMpilo

Indima yazo kuku:-

- Qhuba uvavanyo lonyango lomntwana othe waphathwa gadalala. Ikiti eyodwa yolwaphulo-mthetho kufuneka isetyenziswe xa ixhoba lolwaphulo-mthetho livavanywa.
- Qokelela ubungqina bonyango nobusemthethweni malunga nokumangalelwa okuyimpumelelo kwabenzi bobubi kwinkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho.
- Gqithisela abantwana koogqira bezifo zengqondo (psychiatrists), amagcisa kwezengqondo (*psychologists*) okanye oonontlalontle njengoko kufuneka njalo.
- Sebenzisana namanye amacandelo athatha inxaxheba kukhuselo lomntwana.

#### 5. ISebe leeNkonzo zoLuleko

Indima yalo kuku:-

- Nikezela iinkonzo zolungiso kuboni ababanjweyo (ukuquka abo baphathe gadalala abantwana).
- Khusela ukuphathwa gadalala okungokunye nokukhusela abantwana abaphantsi kwenkathalo nogcino lwabo.

#### 6. Abahloli kwezemisebenzi, ingakumbi kwimiba yokusetyenziswa kwabantwana

Indima yabo kuku:-

- Qhagamshelana nonontlalontle xa kuphawulwe iziganeko zokusetyenziswa kwabantwana.
- Khusela ukuphathwa gadalala okungokunye ngokugqithisela abenzi bobubi ekubeni babanjwe.
- Nikezela imfundiso ngokhuselo lokusetyenziswa kwabantwana.

## 7. ISebe leMicimbi yezeKhaya

Indima yalo kuku:-

- Nyusa umgangatho nokubhexesha ubhaliso lwabantwana bebonke ngokukhawuleza emva kokuzalwa.
- Xhasa abantwana babafuduki baze bamanyaniswe kwakhona neentsapho zabo, xa kufanelekile.
- Ukuba noxanduva lokuzalisekisa i-*Films and Publications Act* nethintela imveliso, ukusetyenziswa nokusasazwa kwephonografi yabantwana.

## 8. Abafundisi-ntsapho/ ootitshala

Indima yabo kuku:-

- Nceda ekukhuseleni, ukuphawula, ulawulo nogqithiselo lokuphathwa gadalala nabantwana abafuna inkathalelo nenkxaso.
- Xhasa abantwana abakhe baphathwa gadalala (njengokubhulishwa) kwigumbi lokufundela nasesikolweni jikelele.

## 9. UMbutho weNkonzo yeNtlalo yoMzantsi Afrika (SASSA)

Indima yawo ku:-

- Kwamkela nokwenza izicelo zegranti yasekuhlaleni.
- Kuphucula unikezelo lweegranti zasekuhlaleni.
- Kujongana nobuqhetseba nobuqhinga kwiigranti zasekuhlaleni.



## Ndingenza ntoni ukuba akukho nto ilandelayo emva koggithiselo?

Ngamanye amaxesha kubakho izithuba ezithile ezenzekayo kwinkqubo yogqithiselo. Kubalulekile ukuthatha amanyathelo okuvala ezi zithuba.

- Yenza amalungiselelo okuhlangana nabanikezeli beenkonzo abafanelekileyo okanye ubafowunele.
- Cela ingcaciso ecacileyo ngeeprothokholi zogqithiselo lwabantwana.
- Bachazele ukuba kutheni na ungathanda ukunikwa ingxelo malunga nomntwana ogqithiselweyo.

## Ndingenza ntoni ukomeleza inkqubo yogqithiselo?

- Mema iinkonzo zogqithiselo kwintlanganiso yokuyila uthungelwano olongeziweyo logqithiselo nokumisa imisebenzi noxanduva lomahlulwane ngamnye kwinkqubo yogqithiselo.
- Zoba imephu yommandla ukubonisa indlela iinkonzo ezinxulumene ngayo.
- Xoxa ngeeprothokholi zogqithiselo nengxelo.
- Khuthaza bonke oomahlulwane ekuphuhliseni iinkcukacha zoqhagamshelwano ngaphakathi kuthungelwano logqithiselo.
- Hlanganisa uluntu kummandla ekusebenziseni nasekuxhaseni uthungelwano logqithiselo ngokuvelisa ukuqonda malunga noku nokwakha amabango kwiinkonzo. Khuthaza uthungelwano lwenkxaso yoluntu lwakho kummandla ekubeni luthathe inxaxheba.



# Abantwana abakhubazekileyo

## Kutheni abantwana abakhubazekileyo bebutathaka?

Abantwana abakhubazekileyo:

- Bafuna uncedo olungaphaya kwaye bathatha ixesha elininzi namandla kunaye nawuphina umntwana ongomnye.
- Bafuna imali eninzi ngokwasemzimbeni kunye nofikelelo kwiindlela zokuphila.
- Baneemfuno ezizodwa. Oku kuyinyaniso enkulu ingakumbi kwimimandla esemaphandleni apho uluntu kummandla lusenokungaziqondi zonke ezi mfuno luze usapho olunjalo luzimele lodwa.
- Abanye abantwana abakhubazeke ngokwasengqondweni abakwazi ukuchaza umahluko phakathi kokulungileyo nokungalunganga. Abenzi bobubi kumaxesha amaninzi bayakwazi oku.
- Abanye abantwana abakhubazeke ngokwasemzimbeni abakwazi ukuzikhusela ngokwasemzimbeni.
- Ngamanye amaxesha kukho isiphako (*i-stigma*), ucalucalulo, uloyiko nokungazi okujikeleze ukukhubazeka. Iintsapho ngamanye amaxesha aziyazi indlela yokukhathalela aba bantwana. Ngamanye amaxesha bakholelwa kwiintsomi malunga nokukhubazeka. Oku kungabangela ukuphathwa gadalala nokungahoywa.

## Ndingayixhasa njani indlela yokuphila kwabantwana abakhubazekileyo?

- Qinisekisa ukuba bonke abantwana abakhubazekileyo bakhuselekile kwaye bakwimeko enenkathalelo efanelekileyo kwindlela yokuphila komntwana.
- Qinisekisa ukuba abantwana abakhubazekileyo bayafikelela kucekeko olufanelekileyo ngokwempilo yabo yasemzimbeni.

- Yiba nomonde ngomntwana okhubazekileyo – kungathatha ixesha elide ekubeni umntwana achaze ukuba kwenzeka ntoni na kuye ngenxa yokukhubazeka.
- Qinisekisa ukuba igranti yokukhubazeka isetyenziswa njengoncedo lomntwana okhubazekileyo – le granti kufuneka isetyenziswe kuphela ekuhlalabazeni iimfuno ezizodwa zomntwana okhubazekileyo.
- Seka amaqela enxaso kubazali abanabantwana abakhubazekileyo ekubancedeni kwimicel’imngeni yemihla ngemihla nokutshutshiswa. Oku kungamisa nesiseko sabantu abanokukhusela ukuphathwa gadalala, ukungahoywa nokutshatyalaliswa ekuhlaleni okanye kwimimandla yoluntu.
- Ukuba ukrokrela ukuba umntwana okhubazekileyo kummandla woluntu usesichengeni okanye ukhe waphathwa gadalala, akahoywa okanye watshatyalaliswa, chazela usapho okanye abasebenzi kwindawo ekhuselekileyo apho umntwana agcinwe khona ekufikeleleni kwiimfuno ezizodwa zalo mntwana. Phinda uzame ukuqinisekisa ukuba umntwana uyafikelela kwaye uyakwazi nokusebenzisa izibonelelo (uyafikelela kwizibonelelo zoluntu) aze ahlale ngokukhuselekileyo kule ndawo. Umzekelo, umntwana osebenzisa i-wheelchair kufuneka akwazi ukusebenzisa indlu yangasese.

## Ndingamgqithisela phi umntwana okhubazekileyo okanye usapho olufuna uncedo?

Kwi-National Council for Persons with Physical Disabilities in South Africa (NCPDSA)

I-Ofisi: +27 11 726 8040 Mobile: +27 079 516 2467

Bakwanikezela uqeqesho lokuba mandundu (sensitivity) kummandla woluntu okanye ekuhlaleni.

*Qinisekisa ukuba bonke abantwana abakhubazekileyo bakhuselekile kwaye bakwimeko enenkathalelo efanelekileyo kwindlela yabo yokuphila.*



# Ukukhusela abantwana ababuthathaka okanye abanokwenzakala

## Ii-Child Care Forum (CCFs) zineda ekukhuseleni abantwana

- Ii-CCF zisekelwe ekuhlaleni, ngamaqela alungelelanisiweyo asebenzisanayo ekukhuseleni abantwana abangenabazali kwakunye nabo babuthathaka kwimimandla yazo yoluntu. Zinenjongo yokuphendula iimfuno zoluntu kummandla nokukhuthaza izithethe kubomi boluntu kummandla.
- Le forum iqulathe amavoluntiyi asuka kummandla kwaye iye, kumaxesha amaninzi, ikhokelwe ngoonontlalontle nabakhathaleli boluntu abaqeshwe ngurhulumente kunye nee-NGO<sup>5</sup>.
- Indima yamalungu e-CCF kuku:-
  - hlanganisa uluntu kummandla ekuphawuleni kwasekuqaleni abantwana abangenabazali nabantwana ababuthathaka kummandla
  - misa ukuba ngobani na abakhathaleli boluntu bokuqala kubantwana abaphawuliweyo
  - qhuba uvavanyo kwiimfuno ngokwasemzimbeni, emphefumleni nasekuhlaleni emntwaneni ngamnye
  - nceda abantwana ekubeni bafikelele kwiziqinisekiso zokuzalwa, iiganti, unyango nenkathalelo<sup>6</sup>
  - funa abazali abakhulisa abantwana abangengobabo
  - ukwenza amalungiselelo enkathalelo yasemva kokuphuma kwesikolo neenkqubo zexesha leeholide

Akhona namanye amaqela akhoyo kwimimandla eMzantsi Afrika onokufikelela kuwo. La maqela ingangala: CCF okanye iiKomiti zoKhuselo loMntwana kwiSithili okanye zibizwe ngelinye igama. Fumanisa ukuba ngawaphi amaqela akhoyo kummandla wakho kunye nesithili.

## Ndingenza ntoni kwimisebenzi yam yemihla ngemihla yenkathalelo yoluntu ekukhuseleni abantwana?

- Thetha, umamele abantwana. Thatha konke abakuthethayo ngononophelo olukhulu. Bakhuthaze ukuba bathethe ngeengcinga zabo novakalelo.
- Bakhuthaze ekubeni bathathe inxaxhe, ukucula, imidlalo yeqonga, imisebenzi yenkolo nokuphuhlisa iigadi zokutya.
- Bakhuthaze ukuba baye esikolweni futhi benze nomsebenzi wesikolo wasekhayeni.
- Xelela abantwana ukuba bangathethi nabantu abangabaziyo. Kufuneka baqaphele nabantu ababaziyo.
- Bafundise ukuba bangayi kwiindawo ezingaqhelekanga kunye nabanina.
- Bafundise abantwana ukuba bangagcini mahlebo abenza ukuba bazive bengakhululekanga.
- Baxeleele ukuba kufuneka bangavumeli nabanina umntu ofuna ukuphatha amalungu abo angaphantsi.
- Bakhuthaze ukuba bathethe nomntu othile xa beziva bengakhululekanga, besoyika okanye bonzakalisiwe – onjengogqira, utitshala, umkhathaleli woluntu okanye nabanina abamthembileyo.

*Abakhathaleli boluntu  
banendima ebalulekileyo  
ekufuneka beyidlalile  
kukhuselo lomntwana!*



5 Save the Children. What do we do in Africa? [savethechildren.org.uk](http://savethechildren.org.uk).  
6 Department of Social Development (Child Care Forums)



## Ndingenza ntoni ekuncedeni abantwana bazive bekhuselekile?

- Bafundise ukuba kufuneka bafowunele bani na xa befuna uncedo:
  - INkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika ku-10111
  - I-ChildLine ku-08000 55 555
- Bancede bazive bekuqonda ukuba bangacela uncedo kubanina, onjengelungu losapho elithembekileyo okanye umhlobo.


## Ndingazomeleza njani iintsapho ekukhuseleni abantwana?

- Khuthaza iintsapho zicwangcisele ixesha elizayo labantwana bazo (ilifa).
- Tyelela amakhaya uze ukhuthaze amalungu osapho ukuba omnye nomnye athethe nomnye ekuqwalaseleni iimfuno zabantwana, ukuchitha ixesha kunye nabo nokuphuhlisa indawo enenkxaso nenkathalo.
- Khumbuza uze uxhase usapho ekubhaliseni abantwana babo, nokufumana iziqinisekiso zokuzalwa zabantwana babo namaxwebhu ezazisi.
- Gqithisa usapho kwigranti yentlalo okanye igranti yokukhubazeka, xa ikhona.
- Velisa ukuqonda kummandla wakho ekubeni wonke umntu unoxanduva lokukhusela abantwana ezingozini.
- Yabelana nabantwana ngokuba kukho “amahlebo alungileyo” kukwakho “namahlebo angalunganga” – alungileyo enza umntwana azive onwabile aze angalunganga amenze umntwana azive elusizi, enomsindo okanye ekhathazekile.
- Khuthaza iintsapho nemibutho ekubeni yenze izicwangciso nabantwana xa isiya kummandla, kwimibutho yasekuhlaleni okanye kwimidlalo ukuze umntwana angalahleki. Ungenza amalungiselelo endawo yokudibana ngexesha elithile okanye ubhale inombolo yeselula kwiphetshana ukuze umntwana aligcine.


## Lungenza ntoni uluntu kwimimandla ekuncedeni kukhuselo lwabantwana?

- Yenza bonke abantwana neentsapho bazive bekhululekile kwaye besekhaya ngoku:-
  - babandakanya kwimisebenzi yasekuhlaleni
  - ngokwenza imidlalo nezibonelelo zokuzonwabisa zifumaneke kubo
  - Khuthaza imisebenzi yophuhliso lolutsha
- Sasaza ulwazi ngokuqonda okumalunga nokubaluleka kokhuselo lwabantwana.
- Nikezela uncendo olukhawulezileyo nolufikelekayo ebantwaneni abaphethwe gadalala kunye neentsapho ezifuna uncendo.
- Gqithisa ingxelo kwimiba apho umntwana engahoywanga, ephethwe gadalala kwaye etshatyalaliswa koonontlalontle namapolisa.
- Nikezela ukukhululeka nethemba kuwo onke amalungu oluntu kummandla.
- Phuhlisa amaqela enkxaso nezikolo kunye nabantwana ababuthathaka.
- Thatha inxaxheba kwiiprojekthi zenkathalelo ezikolweni kwakunye nokhuseleko ezikolweni.

*Umntwana  
angalufumana phi  
uncedo?  
- KwiNkonzo  
yamaPolisa oMzantsi  
Afrika ku-10111  
- I-ChildLine ku-  
08000 55 555*



# Abakhathaleli boluntu kufuneka bazikhathalele nabo



Ndizikhathalela  
njani ukuze  
ndikwazi  
ukuphendula  
abantwana  
abafuna inkathalelo  
nokhuselo?

*Inkathalelo yoluntu  
ngamanye amaxesha  
ibangela istresi  
esingapheliyo nomsebenzi  
onzima, ingakumbi xa  
uphendula abantwana  
neentsapho ezifuna  
uncedo.*

*Inkathalelo yoluntu  
ingachaphazela  
impilontle yethu  
ngokwasengqondweni  
nasekuhlaleni.*

## Iindlela zokuzikhathalela

- Phuhlisa izakhono zakho zokunikezela inkathalelo.
- Lawula ixesha lakho uze uqinisekise ukuba nawe uyalifumana ixesha lokuphumla.
- Yitya ukutya okusegazini uze ulale ngokwaneleyo.
- Yenza imithambo, enjengokudanisa okanye ukuhamba-hamba, kunye neminye imisebenzi yokuzonwabisa.
- Yabelana ngovakalelo lwakho kunye nabanye abakhathaleli boluntu.
- Yazi imida yakho uze uqonde imfuno yakho yokuphumla nokujongana nestresi sakho.
- Cela inkxaso noncedo.
- Yakha uthungelwano lwenkxaso ekujikelezileyo.
- Phuhlisa isiCwangciso sokuziKhathalela.

Khumbula, ukuba unestresi, uyoyika okanye uyoyikiswa, funa uncedo nenkxaso.





IPhuhliswe ngokuSebenzisana ne-*United States Agency for International Development*, iSebe loPhuhliso lweNtlalo, i-*Programme for Appropriate Technology in Health (PATH)*, *International HIV/AIDS Alliance*, ne-*Health and Development Africa*, kwiThogomelo Psychosocial Support ne-*Child Protection Skills Development Programme*.

I-Task Order: GHH-I-01-07-00061-00-PATH

Umsebenzi weProjekthi yakwaThogomelo (nethetha “ukukhathalela” ngesiVenda) uxhaswa ngabantu baseMelika kwi-*United States Agency for International Development (USAID)*. IProjekthi ilawulwa yi-PATH, HDA ne-*International HIV/AIDS Alliance* phantsi kwemigaqo yeSivumelwano esinguNombolo: GHH-I-00-07-00061-00 phakathi kwe-USAID ne-PATH. Isiqulelo sesi sikhokelo esinguvimba sisonke siluxanduva leProjekthi yakwaThogomelo kwaye asibonisi zimvo ze-USAID okanye uRhulumente weZizwe eziManyanayo (US).

© Amagama: The Thogomelo Project, 2010  
Ifowuni: +27 11 484 8217

© Imifanekiso: Jacana Media ne-*International HIV/AIDS Alliance*, 2010

© Uyilo: Jacana Media, 2010  
Ipapashwe ngabakwa-Jacana Media  
PO Box 291784, Melville 2109  
Ifowuni: +27 11 628 3200  
Inomb. yomsebenzi: 001216

Iguqulelwe esiXhoseni nguLulu Mfazwe-Mojapelo, Multilingua  
Translation/ Interpretation Services

Uhlelo lokuqala 2010

ISBN 978-1-77009-996-8

